Isalathiso: 20200623-6642
Inombolo yefayili: 13/9/2
Imibuzo: NF Sobetwa-Magodla

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loVavanyo: 0006/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBaququzeleli be-*FET,* kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa uViwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

ISIHLOKO: IZIPHUMO EZIXHAPHAKILEYO EKUMODAREYITHWENI KWEEMVAVANYO EZIQHUBEKELA EZIKOLWENI KWIBAKALA 12 KWIPHONDO

1. Ukumodareyithwa kweeMvavanyo eziQhubekela eSikolweni (*School Based Assessment*) (*SBA*)) yinkqubo yokuqinisekisa ukubasemthethweni kwezixhobo zovavanyo, ubulungisa kwiinkqubo zovavanyo kunye nokuthembeka kwezigqibo zovavanyo ngabo bonke ootitshala ngokwemigangatho ekuvunyelwene ngayo.

2. I-*SBA* iqulethe i-25% yamanqaku okupasa okugqibela (*final promotion marks*) kuzo zonke izifundo ezifundiswa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC)*). Kwizifundo ezinekhomponenti yepraktikhali kunye neeLwimi, uvavanyo olwaluqhutywe ngutitshala lulingana nomlinganiselo ongaphezu ko-25%. Kwimeko yeSifundo soLwazi ngezoBomi, i-*SBA* ibala u-100%. Amanqaku e-*SBA* kwisifundo ngasinye acaciswe kwiNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statement*) (*CAPS*).

3. Ukumodareyithwa kwe-*SBA* makuqhutywe kumanqanaba esikolo, esithili, ephondo nakazwelonke ukuqinisekisa ukuthembeka kwamanqaku e-*SBA* nokunyaniseka kovavanyo kwisikolo ngasinye.

4. Ngo-2019, iSebe leMfundo leNtshona Koloni liqhube ukumodareyithwa kwee-SBA kwiBakala 12 kwiphondo, kwi-*Accounting*, *Business Studies*, *Economics*, *Life Sciences*, *Geography*, *Mathematics*, *Mathematical Literacy*, *Physical Sciences*, *Life Orientation*, *Consumer Studies*, *English First Additional Language* nakwi-*Computer Applications Technology*.

5. Kwathathwa iisampula kuluhlu lwezikolo ezazinomndilili wamanqaku e-*SBA* ka-15% nangaphezulu komndilili wamanqaku oviwo atshintshwe apha nalapha nezikolo ezinomndilili wamanqaku e-*SBA* angaphantsi kwe-5% yamanqaku oviwo angumndilili atshintshwe apha nalapha kwizifundo kwiimviwo ze-*NSC* zethuba elidlulileyo. Izikolo ezazinereyithi yokupasa engaphantsi ko-60% kwizifundo ekuthathwe kuzo iisampula zezifundo ngoNovemba 2019 nazo zabandakanywa kwisampula yephondo.

6. Ukumodareyitha kweemvavanyo kwiphondo kwakuqhutywe ngamagosa ezifundo asuka kwizithili nakwaNdlunkulu. Iingxelo zokumodareyithwa kweemvavanyo zazithunyelwe kuzo zonke izithili ukwenzela ukuba abacebisi ngezifundo babe nako ukubonisana ngazo kunye nootitshala.

7. Apha kule ngcaciso imfutshane kuqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A**, isishwankathelo seenkalo ezixhaphakileyo ezikhathazayo ezaziqatshelwe ngethuba lokumodareyithwa kwezifundo ekwenziwe iisampula kuzo zango-2019.

8. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba iintloko zezifundo/iinkokeli zezifundo kwizikolo zabo ziyaxoxa ngeziphumo nabo bonke abacebisi bezifundo nootitshala bezifundo abachaphazelekayo ukuqinisekisa ukuba ziyenziwa iingcebiso yaye ngokwenjenjalo, kuphuculwe nenkqubo yovavanyo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-07-16